# UNIVERSITY OF FORT HARE

EDX 322

## DEGREE EXAMINATION

## NOVEMBER 2018

……………………………………………………………………………………

Time: 3 Hours

Subject: ISIXHOSA METHODOLOGY Marks: 100

This paper consists of 5 pages including this page

**Internal Examiners**
**Mrs C.N. Mnqumevu**

**Second Examiner**
**Miss N.M. Mdledle**

IMIYALELO

i. Phendula YONKE imibuzo.
ii. Sebenzisa iinombolo zemibuzo njengoko zibhaliwe ephepheni lemibuzo.
iii. Bhala ngokucocekileyo.
iv. Cwangcisa umsebenzi neempendulo zakho kakuhle.

## Umbuzo wokuqala

Isifundo esiphuhlisa isakhono **sokuFunda nokuBukela** sikholisa ngokulandela inkqubo enamanqanaba amathathu angala:

- Phambi kokuba kufundwe
- Xa kufundwa
- Emva kokuba kufundiwe

Nika imizekelo emihlanu yezinto ezinokwenziwa kwinqanaba lokuqala: phambi kokuba kufundwe.

**[10]**

## Umbuzo wesibini

Usebenzisa itekisi eqhotyoshelwe kweli phepha lemibuzo, phuhlisa oku kulandelayo:

i. Ubuchule bakho bokuceba imibuzo ehlola ukuqonda kwabafundi **(15)**

ii. Ubuchule bokuceba iimpendulo ezilindelekileyo zemibuzo oyicebileyo. **(15)**

**Qaphela**: Amanqaku ewonke alo msebenzi mawabe ngama -25.

**[30]**

## Umbuzo wesithathu

Uceba ukufundisa abafundi bebanga lethoba umbongo oqhotyoshelwe kweli phepha lemibuzo:

i. Bhala isiphumo sesifundo esingalo mbongo.

ii. Yitsho kuvokotheke ucacisa imiba olindele ukuba abafundi bebanga leshumi elinesibini bayinyathele xa behlalutya lo mbongo uqhotyoshelwe kweli phepha lemibuzo. Kwimpedulo yakho qamela ngalo mbongo.

**[20]**

## Umbuzo wesine

Ceba imisetyenzana onokuyinika abafundi bebanga lesibhozo ukuphuhlisa izifundo ezisekelwe kwezi zihloko zilandelayo. Ceba umsebenzi omnye ukuphuhlisa isihloko ngasinye. Iyonke imisebenzi oyicebileyo kufuneka ibe **mihlanu.** Sibhale isiphumo ofuna ukusiphuhlisa kumsebenzi ngamnye owucebileyo

a) Intsomi
b) Ibali
c) Incwadi yomdlalo
d) Inoveli
e) Igrafu

**QAPHELA:** Sibhale naso isihloko sentsomi, ibali, incwadi yomdlalo, nenoveli oyisebenzisileyo..

(8x5)

**[40]**

## Itekisi yombuzo wesibini

### Masifunde esi sicatshulwa silandelayo

Hamba minyaka! Ulutsha olukhoyo luthe gcobho kaloku into kulo lula. Umbuzo mnye ingaba bayayibona inyhweba abakuyo? Kwazi bona ndiyakuxelela.

Unxibelelwano kubo lulula kuba bacofa nje umntu elapha athethe nomntu osekudeni. "USiya ndiyamkhumbula kuya kufuneka ndivule ifowuni ukuze ndijonge ukuba akakho *'online'* na" Kuxhaphakile ukuva iintetho ezinjengezi. Abathathi nomzuzu oorheme banxibelelane ngoko nangoko.

"Ubonanje andonelanga lolu lwazi ndilufumana kwezi ncwadi, kufuneke ndijonge kwi-intanethi." Ntombi andazi ukuba ngendisithini xa utata ebengenayo le *'laptop'*. Loo nto uyayinikezela nje kuba ufuna ndifunde. Sithamsanqelekile kodwa andiqondi ukuba siyayibona loo nto. Masifunde kungenjalo abazali bethu baya kusikhalala. Imithombo yolwazi yona ibekwe emehlweni ethu. Akukho nokukhalaza. Ndasuka ndatwela masifunde hleze siphumelele emagqabini.

"Mna andingekhe ndinxibe into engekho kwifashoni. Ndingena twatsalala kwi-intanethi ndikhangele ezisematheni ngefashoni. Loo nto iyahlekisa ifashoni amaxesha onyaka ahamba nemibala ethile. Ndingayini ke ngoku mna ukuthi kunxitywa umbala oqanda ndibe ndinxiba ozuba. Mandinxibe okanye ndilambe esiswini. Liyeza ixesha lokuba umntu akhule abe engumama ngabantwana bakhe kodwa ngoku alikafiki. Iyasinceda nale tekhnoloji phofu ixesha lifikile. Ndingena kule mithombo ndijonge neendlela ekunxitywa ngazo ziintokazi ezaziwayo kwifashoni. Heyi! abanxibi nje. Imibala iyadibana. Sikh'apho thina iinto zooNantsi sizek'emzekweni. Kona ukunxiba kakuhle kwenza uzithembe. Ndithi mna uba kwelinye izinga." Bangafunga abantu bacinge ukuba ungusomaqhuzu othile ongxowa ifumileyo.

Yonke into inamacala amabini elihle nelibi. Le tekhnoloji kuthi lutsha inecala endingalithandi kwaphela, ikwenza umntu wedwa. Ufika ujijisana ucofacofa ezi matshini zale mihla. Uthi ukwifowuni ube ukwikhompyutha. Lonke elo xesha akudibani nabanye abantu. Litshona tsho ilanga uthe ntaa kuzo kanti kubalulekile ukugilana nabanye abahlali. Yona eyokuzenzela izihlobo ongazange uzibone yenzeka kakhulu. Endihlekisayo yeyokuba ude ubakhumbule unge uyabazi ubuso ngobuso. Iba ngathi awuwugqibi umsebenzi onawo kuba unxanelwe ukunxibelelana nezihlobo. Kwizinto ezenzeka esitalatweni uba yingcathu mpela kuzo.

Umba othande ukuxhomisa amehlo nofuna ukuvulelwa amehlo, ziyafa fi iilwimi yile tekhnoloji. Laa mcofi ayizozinqumleli-magama

## Umbongo wombuzo wesithathu

### UMFI UMFU. JOHN SOLILO

Wahamb' uYangxola kaSolilo,—
Uyangxola ngokwengxangxasi.
Lo mth' ixhant' awunaxabiso,—
Kub' ubhululwe onk' amasebe;
Sivatho sam siziintlobontlobo!
Singehla nesifuba kuthiwa lihobe;
Singakhwez' undlubulo kuthiwa "sidanga,"
Singabhijel' amanqe kuthiwa "lukhotso."
Kant' esiswini kuthiwa "lunyilingo."

Yahamb' inzwana yomfo!
Ingqungqumban' engafancle kufa,
Nangok' ayifang' ibiziwe.
Ibizwe likomkhul' eliphezulu;
Nam lindibizile bendingakumangala.
Ubizelw' iNzila neLente yalo mnyaka;
Ubizelwe nePasika kwakhona;
Kuz' abe yinjoli yokwaba igazi,—
Igazi laLowo wasifelayo.

Wahamb' umpriste nombingeleli,
Unongqovu nomaqandeka;
Igorh' elingoyiki nokufa
Int' ethi, "Yiza-kufa kwam,
Khawuleza hlaba, khawuleza phika!
De ndiy' ekuphumleni kwam!"
Hamba Mabona, kub' ubona kude!
Kub' ubonil' aph' uya khona,
Waphum' eMishini, wangen' ekwapheni;
Washiy' iintyatyambo zikhazimla;
Waya kwezingabuniyo;
Washiy' usapho lulila,
Waya kolungenasingqala;
Washiy' iRhamente ibhonga,
Waya kwezel' imihlali!
Wena bhal' imizila!!
Wena mbhali we "Zala,"
Wakuthetha ngath' enyangweni,—
Oorheme sebetoshatosha.

Thetha ngosapho lukaPhalo!
Kubizwe wena nje kubizw' indoda,
Thina asikulileli sizel' imivuyo,—
Sithi ungene kwelona khwapha lilikhwapha.
Wasa kusilibal' enyangweni.
Ncincilili! Ncincililiii!!

*Isiphelo*